Ukwazana Nothixo

Xhoza

Written by Rev. Lindsay Camerom
Translated by Charles Madaza

****

Published by:
Global Partners Africa
©2003

P.O. Box 2539
Faerie Glen, 0043
Rep. of South Africa

For permission to reprint any part of these studies, contact the publisher.

Uthixo Umdali

Igenesis 1:1-28

Ekuqalekeni uthixo wadala amazulu nehlabathi. Ke ehlabathini kwakusenyanyeni, kuselubala; kwakumnyama phezu kwamanzi enzonzobila. Umoya kathixo wafukama phezu kwamanzi lawo. Wathi uthixo, makubekho ukukhanya. Kwabakho ke ukukhanya. Wakubona ke uthixo ukukhanya ukuba kulungile, wahlula uthixo phakathi kokukhanya nobumnyama. Wathi uthixo ukukhanya yimini, wathi ubumnyama bubusuku. Kwahlwa, kwasa: yangumhla wokuqala. Wathi uthixo, makubekho isibhakabhaka phakathi kwawo amanzi, sibe ngumahlulo wokwahlula amanzi kumanzi. Wasenza uthixo isibhakabhaka, wawohlula amanzi angaphantsi kwesibhakabhaka kuwo.

Amanzi angaphezu kwesibhakabhaka. Kwabanjalo. Wathi uthixo, i sibhakabhaka ngamazulu. Kwahlwa, kwasa: yangumhla wesibini. Wathi uthixo, amanzi angaphantsi kwamazulu makalhanganiselwe ndaweni-nye, kubonakale okomileyo. Kwaba njalo. Wathi uthixo okomileyo ngumhlaba, wathi intlanganisela yamanzi ziilwandle. Wabona uthixo ukuba kulungile. Wathi uthixo, umhlaba mawuphume uhlaza, imifuno evelisa imbewu, imithi yeziqhamo, eyenza iziqhamo ngohlobo lwayo, embewu ikuyo, emhlabeni. Kwaba njalo. Umhlaba waphuma uhlaza, nemifuno evelisa imbewu ngohlobo lwayo, nemithi eyenza iziqhamo, embewu ikuyo, ngohlobo lwayo. Wabona uthixo ukuba kulungile. Kwahlwa, kwasa: yangumhla wesithathu.

Wathi uthixo, makubekho izikhanyiso esibhakabhakeni samazulu, zibe ngumahlulo wokwahlula imini kubusuku; zibe zezemiqondiso, zibe zezamaxesha amisiweyo, zibe zezemihla neminyaka; mazibe sisikhanyiso esibhakabhakeni samazulu, zikhanyise ehlabathini. Kwaba njalo. Wenza uthixoizikhanyiso ezikhulu zazibini, esona sikhulu isikhanyiso ukuba silawule imini, esona sincinane isikhanyiso ukuba silawule ubusuku; wenza neenkwenkwezi. Wazibeka uthixo esibhakabhakeni samazulu, ukuba zikhanyise ehlabathini, zilawule imini nobusuku, zahlule ukukhanya kubumnyama. Wabona uthixo ukuba kulungile. Kwahlwa kwasa: yangumhla wesine. Wathi uthixo, amanzi la makanyakazele inyakanyaka, imiphefumlo ephilileyo; ziyhi neentaka ziphaphazele ehlabathini, esibhakabhakeni sezulu. Wadala uthixo oominenga mikhulu, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo enambuzelayo, awanyakazela ngayo amanzi ngohlobo lwayo, neentaka zonke ezinamaphiko ngohlobo lwazo. Wabona uthixo ukuba kulungile. Wazisikelela uthixo, esithi, qhamani, nande, niwazalise amanzi aselwandle; zithi iintaka zande ehlabathini. kwahlwa kwasa: yangumhla wesihlanu.

Wathi uthixo, umhlaba mawuphume imiphefumlo ephilileyo ngohlobo lwayo: izinto ezizitho zine, nezinambuzane, nezinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo. Kwaba njalo. Wenza uthixo izinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo, nezinto ezizitho zine ngohlobo lwazo, nazo zonke izinambuzane zomhlaba ngohlobo lwazo. Wabona uthixo ukuba kulungile. Wathi uthixo, masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi. Mababe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni ezizitho zine, nasemhlabeni wonke, nasezinambuzaneni zonke ezinambuzela emhlabeni. Wamdala ke uthixo umntu ngokomfanekiselo wakhe; wamdala ngokomfanekiselo kathixo; wadala indoda nenkazana.

Imibuzo

1. Uthixo wenza ntoni ngamini nganye?

Umhla 1:_____
Umhla 2:_____
Umhla 3:_____
Umhla 4:_____
Umhla 5:_____
Umhla 6:_____
Umhla 7:_____

Khetha ocinga uikuba iyafuneka
(phawula ube mnye kwimibuzo ngophawu olungu x, uphendule umgca olandelayo)

2. Genesis 1:1 isixelela ngo thixo?

- ❑ Uthixo wayengumoya.
- ❑ Uthixo wayelala.
- ❑ Uthixo ubekho ngaphambi kokwenziwa kwento zonke.

Lonto uyikhethileyo ikufundisa/ ikuxelela ntoni ngothixo?_____

3. Uthixo wazenza ngantoni ilanga, inyanga, neenkwenkwezi? (usuku lwesine ivesi 14-15).

- ❑ Ngamanzi
- ❑ Ngomoya
- ❑ Ngento engekhoyo

Lo nto ikuxelela ntoni ngothixo?_____

4. Uthixo kwafuneka enze ntoni ukwenza ihlabathi?

- ❑ Axube imithi yomlingo
- ❑ Athethe
- ❑ Asebenze nzima

Lo nto ikuxelela ntoni ngothixo?_____

5. Umfazi nendoda wehluke ngantoni kwezinye izilo kwi vesi 26?
- ❑ Benziwe bafana no thixo
- ❑ Babezizityebi kakhulu
- ❑ Babelambile

Lo nto ikufundisa ntoni ngendoda nomfazi?Si_____

UTHIXO UNGUTHIXO WEHLABATHI

Izenzo 17:24-28

Uthixo yena owenza ihlabathi neento zonke ezikulo, lowo, eyinkosi nje yezulu nomhlaba akaphiliswa zizandla zabantu, ngokoswele into, inguye nje obanika bonke ubomi, nomphefumlo, nazo zonke izinto, kanjalo wazenza ngagazinye zonke iintlanga zabantu, ukuba zime phezu kwawo wonke umhlaba, emisa amaxesha abekwe ngenxa engaphambili, nemida yokuma kwazo, ukuze bayifune inkosi, ukuba kambe bangaphuthaphutha bayifumane nakuba ingekude kuthi sonke ngabanye. Kuba kuyo sihleli, siyashukuma sikho; njengokuba neembongi ezithile zenu zitshilo ukuthi, kuba nathi siyinzala yakhe.

Imibuzo

6. Izenzo 17:24 zisixelela ukuba uthixo uyintoni?
- ❑ Inkosi yezulu nomhlaba
- ❑ Umhlobo woluntu
- ❑ Womelele

Ukuba uthixo unguthixo wako konke, ingaba uyinkosi yakho?_____

7. Abantu aba bonke bavela ngokwe vesi 26?
- ❑ Ezilwanyaneni
- ❑ Uadam umntu wokuqala
- ❑ Kwimimoya

Ukuba uadam wayethandeka ekhethekile phambi ko thixo, oko kuthetha ntoni ngawe?_____

8. Uthixo ufuna senze ntoni ku vesi 27?
- ❑ Sonwabe
- ❑ Sibe nabantwana abaninzi
- ❑ Simfune simfumane

Ngokwevesi 27 uphi uthixo ngoku?_____

MNYE KUPHELA UTHIXO

1 Izikronike 16: 29-30
Mnikeni uyehova uzuko lwegama lakhe, zisani umnikelo nime phambi kwakhe, mnquleni uyehova nivathe ezingcwele. Thuthumelani phambi kwakhe nonke hlabathi, elimiweyo liya kuzinza ngoko lingashukumi.

Umbuzo:
9. Indalo iyonke imelwe kukuthini kowasenzayo?
   - ❑ Simhloniphe
   - ❑ Singamhoyi
   - ❑ Singamthembi

Ukhe wamnqula lo thixo mnye wenyaniso?_____

IMEKO YETHU NO THIXO

Yoshuwa 24:14-15.
"Moyikeni ke ngoko uyehova,nimkhonze ngokugqibeleleyo, nangenyaniso. Susani oothixo, ababekhonza bona ooyihlo phesheya komlambo, naseyiphutha, nimkhonze nimkhonze ke uyehova.ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkhonza uyehova, zinyuleleni namhla oyena niyakumkhonza; nokuba ngoothixo ababekhonza bona ooyihlo, ababephesheya komlambo, nokuba ngoothixo bamaamori, enihleli ezweni lawo. Ke mna nendlu yam siyakumkhonza uyehova".

Imibuzo:
10. Ukuba ufuna ukuhlonela uthixo kufuneka wenze ntoni kuvesi 14?
    - ❑ Yeka ukunqula naziphi na izithixo
    - ❑ Mphathele izipho
    - ❑ Hambela itempile yakhe.

Ingaba wena nekhaya lakho naka nanqula izithixo?_____
Ukulandela uthixo kuthetha ukuba uyeka ukunqula zonke izithixo.

11. Kwakufuneka bezenzele ntoni abantu kuvesi 15?
    - ❑ Bezihlambile
    - ❑ Benxibe iintsimbi.
    - ❑ Benze isigqibo sokulandela uthixo.

Unga ungamlandela njani wena?_____

MASIJONGE KWAKHONA

Uthixo wadala ihlabathi, izilwanyana noluntu. Umntu wayesisidalwa esikhethekileyo, into efana nothixo ngokukwazi ukucinga, ukuthanda, ukudala, nokukhetha phakathi kokulungileyo nokungalunganga.

Izithunywa Zemimoya



Ukwazana Nothixo 2

UKUSUKA KWISIFUNDO SETHU EBESIGQIBELE NGASO:

Uthixo wadala ihlabathi , izilwanyana, noluntu, umntu waye esisidalwa esixabisekileyo, wenziwa wafana nothixo, ukuba akwazi ukucinga, ukuthanda, ukukwazi , ukukhetha okuhle nokubi, ingxaki ivela kanye kulo mcimbi phakathi kokubi nokubi nto leyo eyeza nengxaki ehlabathini.

Indumiso 93:1-2
Uyehova ungukumkani uzambathise
Ubungangamsha, uyehova uzambathise,
Ubhinqe amandla;
Lizinzile ke elimiweyo.
Kususela koko, izinzile itrone yakho;kususela kwaphakade,ukho wena.

ILIZWE LEMIMOYA

Uthixo wadala izidalwa ezingumoya ekuthiwa zizithunywa. Le mimoya yayimihle kwaye yayenzelwe ukusebenzela uthixo noluntu (njengoko umntu edalwe ngokufana nothixo.

Indumiso 103:20 *Mbongeni uyehova, nina zithunywa zakhe, magorha omeleleyo, alenzayo ilizwi lakhe, ephulaphula isandi selizwi lakhe. Mbongeni uyehova, nonke mikhosi yakhe, balungiseleleni bakhe, benzi bokuthanda kwakhe.*

Imibuzo:
Khetha (uphawule ngophawu olungu x)
1. Zadalelwa ntoni izithunywa?
   - ❑ Ukulawula ihlabathi
   - ❑ Ukuthobela nokusebenzela uthixo
   - ❑ Usebenzela amadoda nabafazi abangathandi thixo

Izithunywa zazilungile okanye zazingalunganga?_____

AmaHebere 1:14 *Azingomoya ababusayo zonke na zithunywe, ukuba zilungiselele abo baza kuba ziindlalifa zalo usindiso?*
Luka 1:19
Saphendula ke isithunywa, sathi kuye, mna ndingugabriyeli, oma phambi kothixo. Ndithunyiwe ukuba ndithethe kuwe, ndikushumayeze ezi ndaba zilungileyo.

Imibuzo:

2. Ingaba izithunywa ziyafuna ukenceda abantu?
   - ❑ Azibakhathalelanga abantu
   - ❑ Zixabene nathi
   - ❑ U thixo uzithumela ukuba zincede abantwana bakhe

Zingakunceda njani izithunywa?_____

IMIMOYA ENGCOLILEYO YEZA EMHLABENI

Ngokukhawuleza imimoya engcolileyo yavela ehlabathini. Abanye bacinga ukuba imimoya engcolileyo yayizizithunywa ezavukelana nothixo, zilandela isithuntwa esinamandla ulusifa. Ulusifa zange afune ukusebenzela uthixo, wayefuna ukulingana nothixo.

Hezekile *28:13-17 Ubuse-eden emyezweni kathixo;onke amatye anqabileyo ebesisigubungelo sakho: isardiyo, netopazi, nedayimane, nekrizolite, nebherilo ,neyaspisi, nesafire, nekharbhunkolo, nesmarado, negolide; umsebenzi weengqondi zakho nowamankazana akho waye ukuwe; ngemini yokudalwa kwakho ezozinto zalungiswa. Waye uyikherubhi ethanjisiweyo, egqubuthelayo; ndakwenza ke, wabasentabeni engcwele kathixo, wahamba-hamba phakathi kwamatye anomlilo. Wagqibelela ngeendlela zakho, kususela kwimini yokudalwa kwakho, kwada kwafumaneka ubugqwetha kuwe. Ngobuninzi borhwebo lwakho umbilini wazala kukugonyamela, wona ke. Ndiyakulahla wena, ngokwento engcolileyo, umke entabeni kathixo; ndikutshabalalise, kerubhi egqubuthelayo, usuke phakathi kwamatye anomlilo. Intliziyo yakho iphakamile ngenxa yobuhle bakho, ubonakalisile ubulumko bakho kunye nokubengezela kwakho. Ndikukhahlela emhlabeni ndikwenze ube ngumbonelo phambi kokumkani.*

Isaya 14:12-15 *Utheni na ukuwa emazulwini, khwezi, nyana wesifingo! Ukunqunyulwa uwe emhlabeni, mngquli weentlanga! Wena ke wathi enyliziyweni yakho, ndiyakunyukela emazulwini, ndiyinyuse itrone yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi zikathixo; ndihlale entabeni yentlanganiso, engotsiniyasentla. Ndiyakunyuka ngaphezu kweziganga zamafu, ndizifanise nosenyangweni; kanti uyakuhliselwa kwelabafileyo engotsini yomhadi.*

Ibhayibhile ithi ulusifa (satana) wakhuthuza ezinye izithunywa ukuba zimlandele.

Isityhilelo 12:7-9 *Kwaza kwabakho imfazwe emazulwiniumikayeli nezithunywa zakhe besilwa nenamba, inamba nezithunywa zayo zisilwa; azaba nakweyisa, kanjalo ayaba safunyanwa indawo yazo emazulwini. Yaphoswa phantsi inamba enkulu, inyoka yakudala, leyo kuthiwa ngumtyholi, usatana ke, lowo ulilahlekisayo elimiweyo liphela; yaphoswa emhlabeni, nezithunywa zayo zaphoswa kunye nayo.*

Imibuzo:

3.Yayi yintoni eyabangela imfazwe emazulwini?

- ❑ Izithunywa ezikhohlakeleyo zavukelana nothixo
- ❑ Kwakukho ukudideka
- ❑ Izulu lalihlaselwe ngaphandle

Ngubani owaye omelele izithunywa zikathixo okanye ezikasatana?_____

_____

Ezi zithunywa zikathixo zithunywe ukuba zikukhuthalele xa ulandela uthixo.

Usatana nezithunywa zakhe basemhlabeni bazonde amadoda nabafazi, kuba bazonde uthixo kuba sidalwe ngomfuziselo kathixo.

1 Petros 5:8-9 *Yibani nobungcathu, phaphani, ngokuba ummangaleli wenu uhamba njengengonyama egqumayo, mchaseni lowo nizimasekile elukholweni, nisazi ukuba kwa ezo ntlungu ziyenzeka kubo abazalwana benu abasehlabathini.*

Eminye yale mimoya inokuzenza izinyanya. Musa ukujonga kuyo - ingcolile ilutshaba lukathixo. Ibhayibhile isixelela ukuba usatana angazenza isithunywa esilungileyo . "Kuba nosatana ngokwakhe uzimilisa okwesithunywa sokukhanya: 2 Amakorinte 11: 14

Imibuzo:

4. Yiyiphi imimoya ofanelwe kukuyinqula?

- ❑ Izithunywa zikathixo.
- ❑ Imimoya kasatana
- ❑ Ayikho, imimoya ayenzelwanga ukunqulwa.

Mnye kuphela uthixo omelwe kukunqulwa , ukunqula omnye kukuvukela uthixo. Uyakuyinqula imimoya yezinyanya?_____

ULUNTU LWANYULA UKULANDELA USATANA

Usizi lolu lokuba uadam noeva, abantu bokuqala benyula ukuthemba usatana. Usatana wazenza inyoka ukuqhatha uadam noeva.

Genesis 3: 1-7 *Ke kakaloku inyoka yaye inobuqhophplolo ngaphezu kwazo zonke izinto eziphilileyo zasendle, abezenzile uyehova uthixo. Yathi kumfazi, utshilo na okunene uthixo ukuthi, zeningadli kuyo yonke imithi yomyezo? Wathi umfazi kwinyoka, eziqhameni zemithi yomyezosingadla; ke eziqhameni zomthi osemyezweni phakathi, uthe uyhixo, zeningadli kuzo; ze ningazichukumisi, hleze nife.yathi inyoka, kumfazi anisayi kufa: kuba esazi uthixo ukuba, mhlana nithe nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengothixo, nazi okulungileyo nokubi.wabona umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, ingumthi onqwenelekela ukuqiqisa, wathabatha eziqhameni zawo,*

wadla; wanika nendoda yakhe inaye.aqabuka amehlo abo bobabini, bazi ukuba bahamba ze; bathunga amagqabi omkhiwane, bazenzela imibhinqo.

Ngale ndlela ukungcola kwangena ebantwini. Uadam noeva bafunda ukungathobeli uthixo. Oku kungathobeli kuthiwa sisono. Ukuqala kukuadam noeva ukona ukufa, imbandezelo, ukufa okuza ngenxa yesono, ngale ndlela ukufa kwabatyhutyha bonke abantu kuba bonke bonile.

AmaRoma 5:12 *Ngenxa yoko njengokuba isono sangena ngomntu omnye ehlabathini, kwangena ke ukufa ngaso isono, kwaza ngokunjalo ukufa kwabatyhutyha abantu ekubeni bonke bonayo.*

Imibuzo:

5. Wona nini?
   - ❑ Xa ungayazi impendulo.
   - ❑ Xa uzalwa
   - ❑ Xa ukhetha okubi ungamthobeli uthixo.

Ibhayibhile ithi sonke sonile, wone nini?_____

Kwakutheni Ukuze Ivunyelwe Lento Yenzeke?

Luvavanyo. Uthixo usivavanya ngabanye, ufuna ukwazi ukuba ngubani na oyakwanyula ukulandela yena okanye usatana nemimoya yakhe engcolileyo.

Yobhi 7:17-18 *Uyintoni na umntu lo lento umkhulisayo, lento uyisingise kuye intliziyo yakho, umvelele imiso yonke, umcikide imizuzu yonke?*

Imibuzo:

6. Ngubani oyakuluphumelela uvavanyo lukathixo?
   - ❑ Kuphela ngabo bahlakaniphe kakhulu
   - ❑ Abo bomelele kakhulu
   - ❑ Abo banyula ukulandela uthixo qha

Ukuba silandela uthixo, singamcela asincde. Luncedo luni ocinga ukuba uthixo angasinika lona?_____

MASIJONGE WAKHONA

-Uthixo wenze izithunywa ukuba zizilungisele yena nabantu
-Isono savela xa esinye sezithunywa saba nekratshi wakhokelela ezinye ekuvukeleni uthixo.
-Umntu wakhetha ukona ngokungathobeli thixo.
-Singanyula ukubuyela kuthixo siyeke ukona
-Izithunywa zik athixo zomelele kwimimoya engcolileyo.

Xa Uthixo Weza Kusisindisa



Ukwazana Nothixo

3

KWISIFUNDO SETHU ESIGQITHILEYO

- Uthixo wenze izithunywa zilungiselele yena nabantu.
- Isono sabonakala xa esinye sezithunywa saba nekratshi sakhokelela ezinye kuvukelo.
- Umntu wakhetha ukona ngokungathobeli uthixo.
- Singanyula ukubuyela kuthixo siyeke ukona.
- Izithunywa zikathixo zinamandla kunemimoya engcolileyo.

Ubomi bethu bonke sixelelwe ubuxoki ngulo moya ungcolileyo obizwa ngokuba ngusatana. Akafuni ukuba simazi uthixo, okanye sazi ngothixo

Kodwa ke uthixo ufuna ukuba sibe nayo inyaniso, uyasithanda waye usifunela izinto ezilungileyo. Wayezakusixelela njani lento njengoko u satana exakeke kukusasaza ubuxoki. Wagqiba kwelokuba ayenze lento ngokuthi eze ehlabathini buqu. Umoya kathixo wadibana nosana, lwaza lwakhula usana lwaba yindoda, wabizwa ngoyesu kristu, ngamanye amathuba ubizwa ngokuba ngu lizwi, kuba, waba lilizwi uthixo athetha ngalo kuthi.

UTHIXO WEZA EMHLABENI

Yohane *1:1-14*

Ekuqalekeni ube ekho ulizwi, waye ulizwi ekuye uthixo, waye ulizwi enguthixo. Yena lowo ebekho ekuqalekeni kuthixo. I zinto zonke zakho ngaye; engekho yena, akubangakho nanye intoethe yabakho.kuye kwakukho ubomi, baye ubomi obo bulukhanyiselo lwabantu. Ukhanyiso ke olo lwabonakala ebumnyameni, basuka ubumnyama abaluqiqa. Kwakho mntu uthunyiweyo, evela kuthixo, ugama linguyohane. Lowo weza kuba lingqina, ukuze angqine ngalo ukhanyiso, ukuze bonke bakholwe ngaye. Yena lowo ubengelulo ukhanyiso; weza kungqina ngalo ukhanyiso. Waye ke yena elukhanyiso oluyinyaniso, olubakhanyiselayo abantu bonke, esiza ehlabathini. Ube esehlabathini ke; ihlabathi labakho ngaye, ihlabathi alimazanga. Weza kokwakhe, baza abakhe abamvuma. Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakathixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe; abangazalwanga ngagazi, nangakuthanda kwanyama, nangakuthanda kwandoda; bazalwa nguthixo. Ulizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu, sabubona ubuqaqawuli bakhe, ubuqaqawuli kanye bowokuphela kwamzeleyo uyise, ezele lubabalo nayinyaniso.

Imibuzo
Phawula ngo x leyo uyikhethayo kwezi.

1. Uthixo wagqiba ukusixelela njani ukuba uyasithanda?
❑Ngokuthumela ititshala
❑Ngokusithumelela incwadi
❑Ngokuba abe ngumntu ahlale nathi
Uthixo wazenza zontathu ezi zinto. Ungaliphawula ithuba awazisa ngayo ititshala nencwadi ?_____

_____

2. Waxoka wathini usatana kuwe ngothixo, indalo nemimoya?
_____
_____
_____

UYESU KRISTU WAFELA IZONO ZETHU

Uthixo akazange kuhlala nathi kuphela koko waza kuhlawulela izono zethu, wayeza kuyenza kanjani lento?

AmaRoma 5:8
"Ke yena uthixo uqondakalisa, okwakhe ukusithanda ngokuthi , sakubon' ukuba sisengaboni, uKristu asifele".

Yohane 3:16
"Wenjenje uthixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama unyana wkhe ekuphela kwamzeleyo ukuze bonke abakholwayo bangatshabalali koko bazuze ubomi obungunaphakade."

Imibuzo
3. Singaxolelwa njani ezonweni zethu?
❑Ngokukholwa kuyesu kristu
❑Ngokwenza ngathi simsulwa
❑Ngokurhumela izono zethu
Wenza ntoni uyesu ukuhlawulela izono zakho?_____

Kodwa, ukufa kuka Yesu kungazihlawulela njani na izono zam?

Khawucinge ngeli bali,

Kwakukho ijaji, eyayinobulungisa , isoloko inezigqibo zobulungisa, kodwa ngenye imini yachophela ityala elinzima kakhulu, umfazi othile weziswa phambi kwakhe etyholwa ngokuqhuba ngokubalekisa kakhulu inqwelo yakhe kwacaca ukuba unetyala, walivuma phofu. Kwakutheni eli tyala libe,

nzima, lalinzima kuba umfazi yayiyintombi yejaji le. Ngaphezu koko wayesazi ukuba akanayo imali yesohlwayo, okanye uya entolongweni. Ijaji yayiyithanda intombi yayo ingafuni ukuba iye entolongweni ngoba waye nobulungisa, wayengenakulikhanyela ityala lentombi yakhe. Unge wenze ntoni wena? Naku okwenziwa yijaji, wamfumanisa enetyala wamgweba kanobom.waphuma enkundleni edakumbile kuba wayezazi ukuba uya entolongweni. Kodwa uthe akuphuma ummangalelwa enkundleni, ijaji yakhulula umnweba wayo waya kuma ngakuyo (intombi) leyo wathabatha ingxowa yakhe wayihlawulela isohlwayo eso, wayeyi jaji elungileyo kodwa wayeyithanda intombi yakhe.

Yiyo kanye le into uthixo asenzele yona wasinika isohlwayo ngenxa yezono zethu. Kodwa wayesithanda kakhulu, ngoko ke uze emhlabeni wasithabathela isohlwayo sethu.xa wayesifa wayesihlawulela ngenxa yezono zethu.

1 Petros 2:24
" Owathi ngokwakhe, izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini, ukuze sithi sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni, omivumbo yakhe naphiliswa ngayo, kuba beninjengezimvu zilahlekile, koko nisuke nabuyela kuye umalusi, nomveleli wemiphefumlo yenu".

Imibuzo

4. Uthixo angasixolela njani izono zethu?
❑Ngokuthi angazihoyi
❑Azihlawulele
❑Ngokusihlawulisa
Xa ubeka ithemba lethu kuyesu kristu wenza ntoni ngezono zakho?____

UYESU KRISTU WAYENAMANDLA, UKUHLALA EFILE

Izenzo 10:39-43
"Thina singamangqina ezinto zonke awazenzayo ezweni lamayuda, kwanaseyerusalem; abamsikayo ngokumxhoma emthini. Yyena lowo uthixo wamvusa ngomhla wesithathu, wenza ukuba abonakale, kungekubo abantu bonke, kukumangqina abenyuliwe ngenxa engaphambili nguthixo: kuthi thina, sadlayo saselayo naye emveni kokuvuka kwakhe kwabafileyo. Wasithethela ngelithi, masivakalise ebantwini, siqononondise ukuba yena nguye omisiweyo nguthixo, ukuba abe ngumgwebi wabaphilileyo nabafilieyo. Bonke abaprofeti bayamngqinela yena lo, ukuba ngegama lakhe, bamkeliswa uxolelo lwezono bonke abakholwayo kuye".

Imibuzo

5. Uphi uyesu namhlanje?

❑Usesengcwabeni ufile

❑Uyaphila wabonwa ngabalandeli bakhe

❑Asimazi apho akhoyo

Uza kuwe namhlanje, uzokumamkela ?_____

Amaroma 8:11

Ukuba ke umoya walowo wamvusayo uyesu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo ukristu kwabafileyo uyakuyenza iphile nemizimba yenu enokufa, ngaye umoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.

Hlala ngaphakathi kwethu ngomoya, usenza abantu abatsha, ngokungathi siphinde sazalwa kutsha.

Yohane 3: 3-7

"Waphendula uyesu wathi kuye, inene, inene, ndithi kuwe, ukuba akathanga umntu azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani bukathixo.uthi unikodemo kuye, angathini na umntu ukuzalwa emdala? Waphendula uyesu wathi, inene, inene, ndithi kuwe ukuba umntu akathanga azalwe ngamanzi nangumoya, akanakungena ebukumkanini bukathixo. Okuzelwe yinyama kuyinyama, nokuzelwe ngumoya kungumoya. Musa kukumangaliswa kukuba ndithe kuwe, nimelwe kukuthi nizalwe ngokutsha"

Imibuzo

6. Xa umoya kayesu uphila ngaphakathi kwethu, kwenzeka ntoni ?

❑Sinamandla amatsha okuyek isono

❑Usifundisa inyaniso evel kuthixo

❑Uyasixelela xa sisenza okubi.

Ngumbuzo onzima lo kuba zontathu, ezi mpendulo zizo, uyohane uthini ukuyibiza, xa usamkela lo moya?_____

amaRoma 8:9

"Ke nina anikwinyama nikumoya, ukuba kumi okunene umoya kathixo, ngaphakathi kwenu, ukuba umntu akanaye umoya kakristu akangowakhe lowo".

MAKHE SIJONGE KWAKHONA

Uyesu Kristu "wayengunyana kathixo" uthixo ephila nathi.
Uyesu weza kusibonisa ukuba uthixo usithanda kangakanani na, yaye Uyesu ufe ukuze asihlawulele ngenxa yezono zethu.
wabuya wavuswa, wabuyela wadla ubomi ebuyiswa ngamandla ka moya.
Usinika umoya ukuba uphile kuthi ukuze thina sizalwe ngokutsha sifane naye.

Ukristu Ebomini Bethu

Ukwazana Nothixo
4

KWISIFUNDO SETHU ESIDLULILEYO SIFUNDE UKUBA

-uYesu kristu wayengunyana kathixo- uthixo ophila phakathi kwethu
-uYesu wafela ukusihlawulela izono zethu
-Waphinda wadla ubomi ngamandla kamoya oyingcwele
-Usinika umoya ukuba ube phakathi kwethu ukuze sizalwe ngokutsha, sifane naye.

NENZIWE NADLA UBOMI KUKRISTU

AmaEfese 2:1-5
Nani unidlise ubomi, nifile nje zizphoso nazizono enanifudula nihamba ngokwesimo selihlabathi, ngokomphathi wegunya lesibhakabhaka, womoya lo usebenzayo ngoku kubo abangevayo, esasifudula nathi sonke sihleli phakathi kwabo, ezinkanukweni zenyama yethu, nisenza ukuthanda kwenyama nookwengcinga, saye ngemvelo, sikwangabantwana bengqumbo, njengabanye abo. Ke uthixo esisityebi nje ngenceba, uthe ngenxa yothando lwakhe olukhulu awasithanda ngalo, thina sifile nje ziziphoso, wasidlisa ubomi ndawonye nokristu (nisindiswe ngokubabalwa)

Imibuzo
Khetha impendulo eoyiyo uyiphawule ngo x
1. Kutheni ukufa kukayesu kristu kubalulekile nje kuthi?
❑Ngokuba wonke umntu uyafa
❑Ngokuba ngoku siyaxolelwa zonke izono zethu
❑Kungokuba i sinika iholide yepasika
Wakha wamcela uyesu ukuba akuxolele izono zakho?_____

2. Kutheni ukwamkela umoya kubalulekile kuthi?
❑Ngokuba umoya usinika amandla ukuba siphilele uthixo.
❑Umoya usinceda ukuba sive kumnandi kuthi
❑Ngokuba umoya awenziwanga nganyama

Umoya ka Kristu (obizwa ngomoya oyingcwele) usinceda ukuba siphile

ngaphandle kwesono. Wakha wamcela umoya oyingcwele ukuba angene alawule impilo yakho? _____Ungakwenza oko ngoku.
Umthandazo olula wokucela uxolo, nowokwamkela umoya oyingcwele:
Thixo ndiyakwazi ukuba ukhona, ndifuna ukuhamba nawe ,ndibeka ithemba lam kuwe, nakunyana wakho uyesu Kristu, ndicela undixolele izono zam undinike umoya oyingcwele ukuba undincede ndiyeke isono, ndiyabulela , Amen.

ISISOMBULULO SIKA THIXO KWIINGXAKI ZEHLABATHI

Ihlabathi lineengxaki ezininzi kulemihla, kuba siye savukelana nomdali wethu. Kukho aboni nemimoya engcolileyo, kukho, izigulo, imbandezelo, nokufa, le nto ayifanelanga kusothusa, kuba ilizwe livukelana nothixo oyinaniso, uthixo usilungiselele indlela yokuxolelwa esinika kananjalo ubomi ngomoya oyingcwele, phofu uzakwenza ntoni ngemimoya engcolileyo, urwhaphilizo, ukonakala, imbandezelo zeli hlabathi?
Umele kukuzama ukuzilungisa zonke ezi ngxaki? Hayi ayinakunceda lo nto kuba kusekho aboni nemimoya engcolileyo eyenza imbandezelo egqithileyo. Uthixo ugqibe ekwenzeni ihlabathi elitsha, elenzela abo bamlandelayo. Lo mhlaba mtsha ubizwa ngokuba lizulu, waye uyesu uyakuba yikumkani yamazulu. Ngamanye amaxesha uyesu uyasiphilisa kwakweli hlabathi, kodwa ngamanye amathuba usifuna ukuba siphile ngembandezelo, ukuze asivavanye, asenze nyulu esilungiselela ubuqaqawuli behlabathi elitsha.

Yohane 14: 1-3
Intliziyo yenu mayingakhathazeki, kholwani kuthixo, nikholwe nakum endlwini kabawo zininzi iindawo zokuhlala, ukuba bekungenjalo ngendanixelelayo, ndiyemka ndiya kunilungiselela indawo, ukuba ke ndimkile ndaya kunilungiselela indawo, ndiya kubuya ndize ndinamkelele kum ngokwam ukuze apho ndikhona mna nibekhona nani

2 Petros 3:13-14
Thina ngokwedinga lakhe silinde elitsha izulu, nomtsha umhlaba, pho kumi ubulungisa. Kanjalo zintanda, nilindele ezo zinto, khuthalelani ukuba nifunyanwe, kuye niseluxolweni , ningenabala ningenasiphako.

Imibuzo
3. Kuba uthixo enamandla , unako onke amaxesha ukusiphilisa xa singaphilanga?
❑Hayi , akaphilisi
❑Ewe usoloko esiphilisa
❑Ngamaxesha athile, uyasiphilisa ngamanye amathuba ufuna simthembe embandelweni.

Isisombululo sikathixo ngembandezelo singaphezulu kakhulu kunoko kunokwenziwa yimimoya. Yintoni iqhinga lakhe?_____

Izulu liyakuba ngumhlaba omtsha apho kungekho zimbandezelo, zinyembezi, indlala nokoyika. Liya kuba lelabo bamthandayo uthixo, waye uthixo eyakuhlala phakathi kwethu.

1Petros 4:12-19 *" Zintanda musani ukuwuthela nqa umlilo okhoyo phakathi kwenu, wokunilinga ngathi nihlewa yinto yokuthelwa nqa. Yithini njengoko ningamadlelane ngeentlungu zikakristu, nivuye; ukuze nasekutyhilekeni kobuqaqawuli, bakhe nivuye nigcoba, ukuba niyangcikivwa ngenxa yegama lika kristu, ninoyolo; ngokuba umoya wozuko nokathixo uphumle phezu kwenu; ngokukokwabo okunene uyanyeliswa, kodwa ngokukokwenu uyazukiswa. Makungabikho ke bani kuni uva ubunzima ngokombulali, nangokwesela, nangokomenzi wobubi, nangokovelela izinto angatheni nazo.* Ukuba ke ubani uva ubunzima engumkristu, makangadani, makamzukise ke uthixo ngalo ndawo. Ngokuba lixesha lokuba ugwebo luqale ngendlu kathixo. Ukuba ke luqala ngathi koba yintoni na ukuphela kwabo bangazivayo iindaba ezilungileyo zikathixo? Kanjalo ukuba nelungisa eli lisindisiwa ngenkankulu, ongahloneli thixo nongumoni woba phi na? Ngoko ke abo babuvayo ubunzima ngokuthanda kukathixo, mabayiyaleze kuye imiphefumlo yabo, engumdali othembekileyo ekwenzeni okulungileyo.*

UTHIXO USIXELELA UKUBA SIKHETHE

Ukuba ukhethe ukwamkela isipho sikakristu sokuxolelwa nobomi obutsha ngomoya oyingcwele wakhe, ngoko ke ulindele ukuba usebenzele uthixo yedwa ungabi nazintloni ngaye.

Luka 9:26 *"Kuba othe wanentloni ngam, nangawo amazwi am, unyana womntu woba neentloni ngaye lowo, xa weza esebuqaqawulini bakhe nobukayise nobezithunywa ezingcwele.*
Amaroma 10 : 9-11 *Ngokuba xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyinkosi uyesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uthixowamvusa kwabafileyo wosindiswa. Kuba umntu ukholwa ngentliziyo ukuze abenobulungisa avume ke ngomlomo ukuze asindiswe. Kuba isibhalo sithi bonke abakholwayo kuye abayi kudaniswa.*

Imibuzo

4. Ezi vesi zithi uthixo ufuna senze ntoni?

❑Ufuna sivuye
❑Ufuna sigcine ukholo lwethu luyimfuhlo.
❑Ufuna sixelele abantu ukuba silandela uyesu Kristu

Xela umntu ocinga ukumxelela ngoYesu_____

Zintathu iindlela ezibalulekileyo onokuthi ngazo uxelele abantu ngo yesu. Ungayenza lo nto ngokuthi uphile ubomi obungcono, ngokuthetha nabantu, ngokubaptizwa egameni likayesu. Uyesu usixelele ukuba lubaluleke ekuthatheni isigqibo sokumlandela.

Mateyu 28:19-20 "H*ambani ngoko niye kuzenza abafundi zonke iintlanga nibabhabtizela egameni loyise, lonyana, lomoya oyingcwele, nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwisele umthetho ngazo, niyabona mna ndinani yonke imihla, kude kube sekupheleni kwephakade eli" Amen.*

YINTONI UBAPTIZO?

Yinkonzo apho iinkokheli zebandla zisebenzisa amanzi njengophawu lokuba uhlanjululwe wenziwe nyulu nguyesu kristu, wamamkela. Umoya oyingcwele, amanzi aluphawu nje loko sele kwenziwe nguyesu ebomini bakho, uyohane owasebenzisa amanzi ukubaptiza abantu abaninzi, yena ucacisa ngolu hlobo.

Luka 3:16 *waphendula uyohane kubo bonke esithi mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi, kodwa uyeza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba ndiwuthukulule nomtya weembadada zakhe, uyakunibhaptiza ngomoya oyingcwele nangomlilo.*

UPetros uthetha ngamanzi njengophawu loko kwenziwa nguyesu kuwe.

1 Petros 3:21-22 *Ngamanzi, olusisindisayo ngawo nathi ngoku ubaptizo ngokomfuziselo, olungekuko, ukulahla ubunyhukunyhuku benyama, olukukubuzisa kuthixo kwesazela esilungileyo, ngokuvuka kukayesu kristu , osokunene kuka thixo, eye emazulwini, kwakubon' ukuba kuthotyelwe phantsi kwakhe izithunywa zezulu, noomagunya namandla.*

Cela iinkokheli zebandla zikubaptize, utsho ehlabathini ukuba ulandela uyesu kristu. Cela ukuba ukhe utsho amazwi ambalwa kuqala, ukucacisa okwenzeke kuwe nendlela ozimisele ngayo ukumlandela Uyesi Kristu. Ngomhla wobaptizo bayakukucela ukuba uze ngaphambili uze kuxela ngesigqibo sakho ukulandela Uyesu. Baya kukuthatha bakuse kwinkonzo emfutshane yobhaptizo, basebenzise amanzi besenza uphawu lokuba uhlanjululwe ube nobomi obutsha.

Tito 3:4-6 *"kodwa kuthe kwakubonakala ububele bukathixo umsindisi wethu, nokuthanda kwakhe abantu, kungengamisebenzi esebulungiseni esayenzayo thina, kungokwe nceba yakhe, wasisindisa, ngentlambuluko yokuzalwa ngokutsha, nangokuhlaziya komoya oyingcwele, awamthululayo phezu kwethu, ngokobutyebi, ngoyesu kristu umsindisi wethu.*

Imibuzo

Ukulungele na ukuba ubhaptizwe?

- Wakha wamcela uyesu ukuba akuxolele izono zakho?
- Wakha wamcela umoya oyingcwele ahlale kuwe akukhulule esonweni?
- Sele usenzile isigqibo sokuguquka kweminye imimoya?

Ukuba unokuphendula ewe kuyo yonke le mibuzo, sele ulungile, cela umfundisi wakho akubhaptize egameni loyise nelonyana nelomoya oyingcwele.

Makhe sijonge kwakhona

-Uthixo uyasixolela, asinike umoya oyingcwele wakhe.
-Uthixo wenza umhlaba omtaha, ebalungiselela abo bamthandayo.
-Ukuba unyula yena ngoku, uyakukwamkelela ezulwini xa ebuya esiza ngamandla.
-Usinike "ubhaptizo" njengophawu lokukhetha.

Ungathanda ukufumana izifundo ezingezinye zokufunda ngoyesu?----------

Onofuna wakela masunziyo mena aYezu Kristhu wila omunone sanene Yezuya? _____

OGAFUNAGA OZIWA DHINAGUWA, KANITHAMELE:

P.O. Box 2539
Faerie Glen, 0043
Rep. of South Africa

2004